

‘Molo, sele. Igama lam ndinguZinzi. Kushushu. Ndize ne-emele yam. Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.’



Abasebenzi badiniwe.
Basebenza kanzima. Kushushu.
Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.
'Uphi uZinzi?' bayabuza.



‘Molo, lovane. Igama lam ndinguZinzi.
Kushushu kakhulu.
Ndize ne-emele yam.
Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.’



Abasebenzi badiniwe.
Basebenza kanzima.
Kushushu kakhulu.
Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.
'Uphi uZinzi?' bayabuza.



‘Molo, cikilishe. Igama lam ndinguZinzi.
Kushushu kakhulu, kakhulu.
Ndize ne-emele yam.
Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.’



Abasebenzi badiniwe.
Basebenza kanzima.
Kushushu kakhulu, kakhulu.
Abasebenzi bafuna ukusela amanzi.
'UPHI UZINZI?' bayabuza.



Wade wafika uZinzi!
Bade bafumana amanzi!
'Shu! Bekushushu! Ne-emele ibinzima.
Ibe ngumsebenzi onzima lo!'

HAYI BO, ZINZI!

## Umsebenzi

Sesiphi isivakalisi esihambelana nomfanekiso?

1. 

Ⓐ 'Molo, cikilishe.'
Ⓑ 'Molo, sele.'
Ⓒ 'Molo, lovane.'

2. 

Ⓐ 'Molo, lovane.'
Ⓑ 'Igama lam ndinguZinzi.'
Ⓒ Basebenza kanzima.

3. 

Ⓐ Wade wafika uZinzi.
Ⓑ Basebenza kanzima.
Ⓒ 'Molo, sele.'

4. 

Ⓐ 'Ndize ne-emele yam.'
Ⓑ 'Molo, cikilishe.'
Ⓒ Abasebenzi badiniwe.

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

Vula Bula

**INQANABA loku- ✶ (8)**

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

**INQANABA lesi- ✶✶ (7)**

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

**INQANABA lesi- ✶✶✶ (6)**

Ncedani!
Yophukile ifestile
**Uphi uZinzi?**
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶ (5)**

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶✶ (6)**

Idabi lomoya nelanga
Umvundla nofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

# ISIXHOSA

ZENEX FOUNDATION
MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY
cc BY NC ND
ISBN: 978-1-77580-140-5
9 781775 801405